


INDLELA YESI-2

YOKWENZA NEYOKUSEBENZISA IBHOTILE ECUDISWAYO

Yokuhlamba izandla ngeli lixa usonga amanzi


INYATHELO 1: UZA KUDINGA:

- Ibhotile yeplastiki ecocekileyo enesiciko (ngaphezulu) esivaleka vingci. Akukhathaliseki ukuba yibhotile engakanani, ukusuka kwi-500ml ukuya kwi-2l. Kungcono isiciko esithambileyo sebhotile, kodwa nesiqinileyo siza kukwazi ukusebenza.
- Isipeliti okanye inaliti ukwenza imingxunya emincinci. Ingayingacu, okanye isipeliti okanye inaliti.



INYATHELO 2: GQOBHOZA IMINGXUNYA EMINCINCI KWISICIKO SEBHOTILE

- Gqobhoza umngxunya esizikithini sesiciko usebenzisa isipeliti (okanye inaliti).
- Yenza iringi yemingxunya eyi-7 erawundi kufuphi nomngxunya osesizikithini ze uphinde wenze enye iringi yemingxunya eyi-11 ejikeleze leyo.
- Imingxunya yakho ingasondeli kule ndawo siphela kuyo isiciko, ukwenzela ukuba amanzi angafafazeli kude.



INYATHELO 3: VAVANYA ISIPREYI

- Gcwalisa ibhotile ngamanzi acocekileyo ze uvale ngesiciko.
- Jongisa ibhotile ezantsi ze uyimfomfoze kancinci.
- Amanzi afanele ukuphuma esipreyeka kakuhle ezandleni kule ndawo adingeka kuyo ukuphepha ukuba angamosheki okanye angafafazeli kwindawo yonke



INYATHELO 4: HLAMBA IZANDLA UMANE USIMA

- Cela umntu amanzise izandla zakho ngesi sipreyi.
- Guqula ibhotile ime ukuze amanzi ayeke ukuphuma.
- Hlamba izandla zakho kangangemizuzwana eyi-20 ubuncinane ngesepu ukuze isepu isuse iintsholongwane.
- Phinda upule ngesipreyi sakho samanzi kwakhona.
- Yosula ngetawuli eyomileyo okanye eliphepha okanye uzivuthulule izandla zakho ukuze zome.



OKUBALULEKILEYO:

- Sukwenza umngxunya ngesikhonkwane esincinci, imela, ifolokhwe okanye isikrudrayiva. Imingxunya yakho iya kuba mikhulu yaye isipreyi sakho asiye kusebenza kakuhle.
- Qinisekisa ukuba ibhotile icocisise kakuhle phambi kokuba uyisebenzise. Makungasetyenziswa iibhotile ebezineekhemikhali okanye ezinye izinto ezinobungozi ezifana neparafini, nejikhi, njl njl. Qho kwintsuku ezimbini watshintshe amanzi uyipule ibhotile. Ungayibeki elangeni ibhotile.
- Sebenzisa kuphela amanzi acocekileyo abandayo. Sukugalela isepu okanye ezinye izinto zokucoca ngaphakathi kule bhotile.

Ukubona iividiyo ezimfutshane ezibonisa indlela ekwenziwa ngayo oku, kunye nezinye iindlela ezihlakaniphileyo zokuhlamba izandla, njengeTephu eChontsizayo neBhotile eCudiswayo ebesikucebise ngayo kuqala, yiya ku:

www.capetown.gov.za/coronavirus

Hlamba izandla zakho. Bhekela komnye umntu.



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.